Isalathiso: 20201113-9534
Inombolo yefayili: 12/2/7/P
Imibuzo: kuBaphathi beeSekethe

ISetyhula 0044/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zeZithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Abafundi abangakhange bahambe isikolo ukususela nge-01 Juni 2020*

Isihloko: Abafundi abangakhange bahambe isikolo ukususela nge-01 Juni 2020

1. Le setyhula imalunga nokucaciswa kwemiqaqo yokujongana neemeko apho abafundi bengakhange bahambe isikolo ukususela nge-01 Juni 2020.

2. Ileta evela kwiNtloko yeSebe eya kwiinqununu (enenombolo yesalathiso:COVID-19/20200803/01), yomhla we-03 Agasti 2020, icacisa ukuba abazali mabafake izicelo zokuxolelwa kwabafundi ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo ukuqinisekisa ukuba umfundi uhlala ebhalisiwe esikolweni.

3. Kucelwa iinqununu ngokwenjenje ukuba zilandelele yaye zinike ingxelo ngezizathu zokuba abafundi bengabuyelanga esikolweni ukususela nge-01 Juni 2020 ngokungena kwi-**CEMIS ungadlulanga owe-25 Novemba 2020.**

4. Ukubona uluhlu lwabafundi abangakhange bahambe isikolo nokungenisa izizathu zoko ngena apha***: CEMIS/Absenteeism/Screening/Learners Not Screened.***

5. Umhlathi 55 woMgaqo-nkqubo woKuhamba iSikolo kwaBafundi weSebe leMfundo leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department (WCED) Policy on Learner Attendance, 2010*, ucacisa ukuba "ukuba umfundi akakho esikolweni iintsuku zesikolo zali-10 zilandelelana, inqununu mayenze iinzame ezifanelekileyo zokuqinisekisa kumzali womfundi ukuba ngaba umfundi lowo ukhutshiwe na esikolweni"

6. Makuqatshelwe ukuba ngokwale mimiselo ipapashwe njengeMiyalelo ekhutshwe liSebe leMfundo esiSiseko phantsi koMthetho i-*Disaster Management Act, 2002* (Act 57 of 2002), ngenxa kabhubhane we-COVID-19, abazali babenikwe ithuba lokwenza isicelo sokuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo (ukwenzela abafundi abanazo okanye abangenazo iimeko zezigulo ezizezinye), imfundo yasekhaya *(home education*) okanye ukufunda ngethekhnoloji *(virtual/online learning)* ukulungiselela ukuthintela ukuba umfundi akhutshwe ezincwadini zesikolo.

7. Ukuba umfundi ukhutshiwe ezincwadini, okanye akukho sicelo sokuxolelwa komfundi ekuhambeni isikolo, okanye akukho sizathu sokungabikho komfundi sinikiweyo, okanye inqununu ayinako ukuqhagamshelana nomzali okanye umfundi, inqununu mayiyicime irekhodi yomfundi kwirejista yeklasi ngezizathu "zokuqhubeka nokungabikho komfundi esikolweni".

8. **Izikolo MAZENZE konke okusemandleni ukuqhagamshelana nomzali (nabazali) okanye nomfundi (nabafundi) yaye inqununu mayiqinisekise ukuba isikolo sigcina ubungqina kunye/okanye irekhodi yala mathuba okuzama ukuqhagamshelana nabazali ukulungiselela imbambano yezomthetho (*legal dispute)*.**

9. Obu bungqina bunokubandakanya uluhlu lwamathuba okufona *(telephone calls*) neenkcukacha zeekholi, iikopi zee-imeyili neeleta okanye zalo naluphi na olunye uhlobo lwembalelwano nonxibelelwano nomzali.

10. Kwimeko apho umfundi ebengakhutshwanga ezincwadini, yaye akasihamba isikolo abe umzali esafuna ingxelo ngendlela aqhuba ngayo umfundi okanye ngokupasa komfundi, le meko makujongwane nayo ngokwesikhokelo sokugqitywa koVavanyo oluQhubekela eSikolweni nesokudlulela kwesinye isigaba nokupasa komfundi esikhutshwe liSebe iWCED.

11. Yonke imibuzo emalunga noku kungentla inokubhekiswa kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwisekethe nganye.

12. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-11-18